



F – ISikhokelo seSebe iWCED: UKutyiswa kwaBafundi eZikolweni

Icandelo eLikhulu: loPhuhliso noQuquzelelo lwamaZiko	F – ISikhokelo seSebe iWCED: UKutyiswa kwaBafundi eZikolweni	
F- ISikhokelo seSebe iWCED	Umhla: 20 Meyi 2020	Masiqwalaselwe njengesiyimfuneko naxa kuyimfuneko

Sivunywe yiNtloko yeSebe leMfundo:



BK Schreuder
Umhla: 2020-05-20

F – ISIKHOKELO SESEBE IWCED: UKUTYISWA KWABAFUNDI EZIKOLWENI

1. Injongo

- 1.1 ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe iWCED) ngokwesiqhelo lityisa malunga ne-485 000 yabafundi yonke imihla xa izikolo zivuliwe ngokusebenzisa iProgram yoKutyisa aBafundi yeZikolo kaZwelonke (*National School Nutrition Program*) (NSNP)).
- 1.2 ISebe iWCED ligqibe ekubeni liqhubele phambili ngokutyisa abafundi lo gama kusamiswe ngxi iintshukumo (*lockdown period*) zide izikolo ziphinde zivulwe kwakhona ngokupheleleyo.

2. Iimfuno ezingummiselo

- 2.1. Ngenxa yokubaluleka kwemimiselo yokhuseleko ye-Covid-19 kunye nokuncitshiswa kokunwenwa kwentsholongwane, sixhomekeke kwintsebenziswano ebalasele kakhulu yeenqununu, yabasebenzi, yamavolontiya ajongene nokutya kunye neyabahlali ngokubanzi. Ngenxa yoku, wonke umntu kuya kunyanzeleka ukubaancedise ngomalunga nokuthotyelwa kweyona mimiselo yezokhuseleko esisiseko esinokuyinika ukusuka apha ukuya phambili, xa kuqwalaselwa ezi meko zingaqhelekanga.
- 2.2. Ngokweli thutyana, izikolo ziya kutyisa abo bafundi sele behamba isikolo, kwakunye nabo bafundi bangekabuyeli esikolweni kodwa behlala kwalapha ekuhlaleni (njengoko loo nto ibisoloko iyinqubo eyenziwayo ngethuba lokumiswa ngxi kweentshukumo). Iprothokholi (*SOP No: 1/2020 – Standard Operating Procedures (SOP) for principals to assist with the feeding of vulnerable learners' dependent on the National School Nutrition Programme (NSNP) during the lockdown period*) emalunga nokutyiswa kwabafundi eyayikhutshwe ngaphambili kwakhona isenayo ingcaciso yezokhuseleko echaphazelekayo emayilandelwe.
- 2.3. Abafundi abangekabuyeli esikolweni kufuneka batyiswe ngokwahlukeneyo kubafundi abasele bebuyele esikolweni.
- 2.4. Izikolo kufuneka zicwangcise amaxesha okutyisa abafundi ukulungiselela amaqela ahlukeneyo ekufuneka etyisiwe ukuthintela ukuthontelana nokugcina ukungasondelelani kwabantu (*social distancing*).
- 2.5. Ngumfundi kuphela omakanikwe ukutya ngokweskim sokutyisa abafundi. Abantu basekuhlaleni abafuna ukufumana ukutya, bangabangela ingxaki. Ngamabhunga olawulo/ziinkokeli zasekuhlaleni ezingaluncedo ngokumalunga noku.

3. Imisebenzi eluxanduva yenqununu/yesikolo

- 3.1 Abafundi abahamba isikolo.
 - 3.1.1. Makuqinisekiswa ukuba iindawo/amagumbi okufundela aza kusetyenziswa ayayifezekisa imigangatho yezokhuseleko efunekayo.
 - 3.1.2. Kukuqinisekisa ukufakwa kwesibulala-ntsholongwane nokukhusela iindawo/iindawo ezingumphezulu eziya kusetyenziswa.
 - 3.1.3. Makwaziswe abazali/abafundi ngamalungiselelo okutya nokubaluleka kakhulu kokugcina ukungasondelelani kwabantu (*social distancing*).
 - 3.1.4. Makuthintelwe imikrozo emide kunye neendibano. Inkqubo yokutyisa abafundi mayenziwe ngamaxesha alandelelanayo (*stagger*) ukuba kunako.
- 3.2 Abafundi abangahambi sikolo.
 - 3.2.1 Makuhlolwe abafundi abafikayo bevela ngaphandle ukuza kufumana ukutya.
 - 3.2.2 Makuqinisekiswa ukuba abafundi beza nezinto zokuphakela ukutya.
 - 3.2.3 Makuqinisekiswa ukuba abafundi bakunikwa ukutya kwindawo ekhuselekileyo.
 - 3.2.4 Makuqinisekiswa ukuba abaxhamli beNSNP bezikolo batyiswa kuqala.
 - 3.2.5 Makuqinisekiswa ukuba abafundi abasuka kwezinye izikolo basengingqini bayakunikwa ukutya ukuba bayeza ukuza kukufumana yaye nesikolo sinokutya okwaneleyo. La manani ongezelelweyo makachazwe kwi-ofisi yesithili.
 - 3.2.6 Makuqinisekiswa ukuba ukuba nje ukuba bakufumane ukutya kwabo, kufuneka baphume ngocwangco esikolweni yaye kufuneka bakhuthazwe ukuba baye ngqo emakhaya.
 - 3.2.7 Makuqinisekiswa ukuba isasebenza iprothokholi engokutyiswa kwabafundi ezikolweni eyayikhutshwe ngethuba lokumiswa ngxi kweentshukumo (*lockdown*).
 - 3.2.8 Makugcinwe iirejista zabafundi abafumana ukutya kweskim sokutyiswa kwabafundi.
 - 3.2.9 Kuvumeleke kuphela abafundi abahamba isikolo ngosuku kumasango esikolo ukuba batyele esikolweni. Abanye bamabakala abangekaqalisi ukubuyela kumagumbi okufundela abavumelekanga ukutyela esikolweni yaye mabahambe ngoko nangoko bakufumana ukutya kwabo.
 - 3.2.10 Makuchazelwe onke amavolontiya ajongene nokutya ngemimiselo yezokhuseleko yeCOVID-19.

4. Imimiselo yezokhuseleko xa kutyiswa abafundi (kwizikolo ezineprogram yeNSNP)

- 4.1 Amavolontiya alungisa ukutya kufuneka ahlambe izandla zawo ngokucokisekileyo phambi kokuba bakulungise ukutya. Kufuneka banxibe iimaski zobuso, iiglavu ezityenziswayo emva koko zilahlwe kunye nee-faskoti zeplastiki ezisetyenziswayo emva koko zilahlwe ukuthintela ukusuleleka ngamaqabazana olwelo (*droplet transmission*).
- 4.2 Abo balungisa kunye/okanye baphaka ukutya akufunekanga bathethe, bakhwaze okanye bahleke phezu kokutya okungagqunywanga ngaphandle kokuba banxibe imaski yobuso.
- 4.3 Zonke iindawo ezingumphezulu kufuneka zicocwe yonke imihla (phambi nasemva kokutya) ngesicoci esisisibulala-ntsholongwane (*disinfectant cleaner*) (kucetyiswa isodiyam hayiphokhlorayithi engu-0.5% (izingxotyana zebhayosayidi) **okanye** umxube weblitshi we-250 yeblitshi kwiilitha eziyi-5 zamanzi).
- 4.4 Makucocwe ikhitshi/iindawo kunye nazo zonke izixhobo apho ukutya kulungiselelwa khona phambi kokuba kuqaliswe ngokulungiselela ukutya.
- 4.5 Makungasondelelwana ngabafundi (*social distancing*). Abafundi kufuneke balandelelane emigceni ephana izithuba ze-1.5 imitha phakathi kwayo.
- 4.6 Makwenziwe amalungiselelo okubeka esweni afanelekileyo kwiigeyithi yaye kuvunyelwe inani elilawulekayo labafundi esikolweni ngexesha. Kunokucelwa abazali/amabhunga olawulo ukuba anike uncedo.
- 4.7 Abasebenzi kufuneka bahlambe izandla zabo qho, ubuncinane imizuzwana eyi-20, ngesepha kunye namanzi.
- 4.8 Abasebenzi kufuneka basebenzise imimiselo yezokhuseleko ngokumalunga nokukhohlela/nokuthimla.
- 4.9 Kunokubekwa amabhakethi anamanzi nesepha kwiigeyithi zokungena, apho abafundi banokucelwa bahlambe izandla zabo. Izikolo zinako kwakhona ukuthenga izibulala-ntsholongwane zezandla ukulungiselela le njongo.
- 4.10 Nje ukuba bakunikwe ukutya, abafundi kufuneka bayalelwe ukuba bayokuphuma kwiigeyithi zokuphuma.

- 4.11 Makalandelelaniswe amaxesha okutyisa ukutya abafundi ukulungiselela ukuba abafundi banikwe ukutya ngokwahlukeneyo. Abo bafundi bakumabakala angekabuyeli esikolweni ngokwezigaba ezichaphazelekayo akufunekanga ukuba baxubane nabanye abafundi yaye kufuneka baphume kumasango esikolo.
- 4.12 Makucocwe zonke izixhobo neembiza ekupheleni kwexesha lokutyisa abafundi. Mayicocisiswe indawo ekutyiselwa kuyo abafundi/ikhitshi ngeblitshi.
- 4.13 Zonke iindawo ezingumphezulu zokusebenzela mazifakwe isibulala-ntsholongwane esinomlinganiselo wesicoci esineblitshi eninzi.